



# education

Department:  
Education  
North West Provincial Government  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

## UVAVANYO LOKUPHELA KONYAKA LWEPHONDO

### IBANGA 6

## ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA EYENKANGA 2024

AMANQAKU:50  
IXESHA:2 iiyure

IGAMA LOMFUNDI: \_\_\_\_\_

IGAMA LESIKOLO: \_\_\_\_\_

LEO : \_\_\_\_\_

INGINGQI : \_\_\_\_\_

IMIBUZO	AMANQAKU	AWOMFUNDI
1. Uvavanyo lokuqonda	20	
2. Itekisi ebonwayo	10	
3. Isishwankathelo	05	
4. Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi	15	
<b>AMANQAKU EWONKE</b>	<b>50</b>	

Eli phepha mbuzo linamaphepha ali-11.

**IMIYALELO**

1. Fundisisa imiyalelo kumbuzo ngamnye phambi kokuba uphendule.
2. Qwalasela upelo magama nendlela obhala ngayo izivakalisi.
3. Phendula **YONKE** imibuzo.
4. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.
5. Ixesha olunikiweyo lokubhala eli phepha ziiyure ezimbini.
6. Bhala kwizithuba ozinikiweyo kweli phepha -mbuzo.

<b>IMIBUZO</b>	<b>AMANQAKU</b>
1. Uvavanyo lokuqonda	20
2. Itekisi ebonwayo	10
3. Isishwankathelo	05
4. Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi	15
<b>AMANQAKU EWONKE</b>	<b>50</b>


Umsebenzi wokuzihlola phambi kokubhala

1. Faka isangqa kwimpendulo echanekileyo kwezi zilandelayo.

Eli phepha-mbuzo lijoliswe kubafundi bebanga ?

- A 6
- B 7
- C 4
- D 5

Uphendule kakuhle xa ufake isangqa ku



Uviwo **luqala** kwiphepha elilandelayo.


**UMBUZO 1**

Uvavanyo lokuqonda

Funda esi sicatshulwa silandelayo wandule ukuphendula imibuzo.

**Ukungaboni akukhange kundinqande**

1. Ndingu Obert Maguvhe igama lam. Ndazalwa ngo-1967 kwilali ekumaphandle akwaVenda kwiphondo laseLimpopo. Ndathi xa ndinemyaka emithandathu ndaba nemasisi, isifo sabantwana esixhaphakileyo. Ndaba nelishwa, kwavela ingxaki, ndatyhaphaka andabona. Ndaziva ndingenathemba, ndingenamandla yaye ndingathi ndilahlekile. Ndandiza kuqhubeka njani nobomi? Ndafunda kwisikolo sabangaboniyo, apho ndafunda khona ukufunda ngeBreyile. Ndabanethuba elihle lokufumana imfundo esemgangathweni. IBreyile yinkqubo esetyenziswa ngabantu abangaboniyo okanye abazimfama bafunda ukubhala besebenzisa iminwe yabo. Ndandifuna ukuphumelela emagqabini. Abantwana besikolo babendixhasa. Abantwana besikolo ngamanye amaxesha abaqondi ukuba kubaluleke kangakanani na ukuzimisela esikolweni.
2. Emva kokuphumelela ibanga leshumi ngo-1987 ndaya kufunda kwi Yunivesithi yase Mntla eLimpopo. Ndaphuma apho ndaya kufundela ubugqwetha kwiYunivesithi yase WitwatersrandeRhawutini. Umnqweno wam yayikuk ufundela ukuba ngutitshala, nomakhulu wam wayenqwanela ukuba ndifundela ukuba ngutitshala. Izinto zandihambela kakuhle ngonyaka endandigqiba kuphumelela isidanga sam sesibini ndafumana imali ekuthiwa yibhasari. Ibhasari yimali oyinikwayo ethi ikuncedise ufunde ungabhatalelwa ngabazali bakho. Ndandizakuya phesheya kolwandle eMelika ndiyofunda khona. Ndavuya kakhulu. Ndandivuyela ukukhwela inqwelo moya. Ndafika eMelika ndafunda ndazimisela. Ndaphumelela phambi kwexesha elalibekiwe, ooProfesa bam ababendifundisa babecinga ukuba ndiyinkcuba-buchopho. Ndabuyela eMzantsi Afrika ndagqibezela ubugqirha kwiYunivesithi yasePitoli. Ndabulela inxaso endandiyifumana kuluntu loMzantsi Afrika.
3. Ukungaboni akukhange kundinqande ukuze ndingafundi. Ndiphumelele emagqabini kuzo zonke izifundo ebendizifunda kuba bendizimisela kuyo yonke into endiyenzayo. Ngonyaka ka-2013 ndaba nochulumanco olungumangaliso xa ndandiqeshwa esikhundleni esiphezulu sokuqeqesha ootitshala ukufundisa abantwana abakhubazekileyo. Kuyinto emnandi ukukwazi ukunceda abanye abantu. Umyalezo wam kubantu abatsha kukuba bafunde kanobom lo gama besesikolweni. Kufuneka ungavumeli amaxesha obunzima okanye unxunguphalo lukwenze udodobale. Sonke sikufanele ukuba namaphupha ethu, kwaye kufuneka sisebenze ngokuzimisela ukuze amaphupha ethu abe yimpumelelo. Iqhalo lesiXhosa lithi "umzingisi akanashwa".



[Sicatshulwe kwi DBE pg 114]

- 1.1 Kuthethwa ngabani kwesi sicutshulwa? Fakela isangqa kwimpendulo eyiyo.
- A Obert Mandaze
  - B Obert Manyike
  - C Obert Maguvhe
  - D Obert Magamle
- (1)
- 1.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo: Wayehlala kweliphi iphondo
- A Mpumalanga
  - B Limpopo
  - C Freyistatha
  - D KwaZulu Natala
- (1)
- 1.3 Wahlasela sisifo semasisi eneminyaka emingaphi? Biyela impendulo
- A emithathu
  - B emine
  - C emithandathu
  - D emihlanu
- (1)
- 1.4 Wazalwa ngowuphi unyaka u- Obert? (1)
- 
- 
- 1.5 Nika intsingiselo yeli gama “inkcuba -bucopho”. (2)
- 
- 
- 1.6 Yintoni iBreyile? Jonga kumhlathi wokuqala 1 (1)
- 
- 
- 1.7 Umakhulu ka – Obert wayenqwenela ukuba afundele ukuba yintoni umzukulwana wakhe? (1)
- 
- 1.8 Kutheni abafundi kufuneka bezimisele esikolweni nakwizifundo zabo? (1)
- 
-

1.9 Uthini umyalezo obalulukileyo ka- Obert kulutsha? (2)

---

---

1.10 Imali yeBhasari yamnceda njani u- Obert? (2)

---

---

1.11 Uziva njani emva kokufunda esi sicutshulwa? Kutheni uziva njalo? (2)

---

---

---

1.12 Ukhwele ntoni ukuya eMelika? (1)

---

---

1.13 Chaza okwamenza wachulumanca kanobomi u-Obert ngonyaka ka 2013? (2)

---

---

1.14 Ingaba iphupha lika Obert laba yimpumelelo kusini na? Xhasa impendulo yakho. (2)

---

---

**[20]**

## UMBUZO 2

Itekisi ebonwayo

Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule le mibuzo ilandelayo.



[Uthathwe:kwi -intanethi]

2.1 Bangaphi abantu abakulo mfanekiso? Biyela impendulo echanekileyo. (1)

- A babini
- B manye
- C bane
- D bathathu

2.2 Zingaphi iincwadi zona? (1)

- A zintathu
- B zimbini
- C zintlanu
- D zilithoba

2.3 Kutheni kubalulekile ukuba abafundi bazimisele esikolweni? (2)

---

---

2.4 Ikamva lo mfundi ozimiselayo liyadodobala **OKANYE** liyaqaqamba .  
Khetha impendulo echanekileyo (1)

---

2.5 Wena ufuna ukufundela ukuba yintoni ebomini? (1)

---

2.6 Umsebenzi wesikolo xa usenziwa ekhaya, ngubani oncedisa umfundi?  
Kutheni kufunekaancediswe? (2)

---

2.7 Kulindeleke ukuba umfundi enze ntoni ukuze aphumelele ezifundweni ? (2)

---

---

**[10]**

**UMBUZO 3**

Isishwankathelo

Funda itekisi elandelayo wandule ukuyishwankathela .Landela imigaqo nenkqubo yokubhala. Bhala ngawakho amazwi ubalise okufundileyo.

- Caphula izivakalisi ezingundoqo.
- Qaphela ungaphumi emxholweni. Bhala malunga namagama angama 60-80

Ndingu Obert Maguvhe igama lam. Ndazalwa ngo-1967 kwilali ekumaphandle akwaVenda kwiphondo laseLimpopo. Ndathi xa ndineminyaka emithandathu ndaba nemasisi, isifo sabantwana esixhaphakileyo .Ndaba nelishwa, kwavela ingxaki , ndatyaphaka andabona. Ndaziva ndingenathemba, ndingenamandla yaye ndingathi ndilahlekile. Ndandiza kuqhubeka njani nobomi? Ndafunda kwisikolo sabangaboniyo, apho ndafunda khona ukufunda ngeBreyile. Ndabanethuba elihle lokufumana imfundo esemgangathweni. IBreyile yinkqubo esetyenziswa ngabantu abangaboniyo okanye abazimfama bafunda ukubhala besebenzisa iminwe yabo. Ndandifuna ukuphumelela emagqabini. Abantwana besikolo babendixhasa. Abantwana besikolo ngamanye amaxesha abaqondi ukuba kubaluleke kangakanani na ukuzimisela esikolweni.

Emva kokuphumelela ibanga leshumi ngo-1987 ndaya kufunda kwi Yunivesithi yase Mntla eLimpopo. Ndaphuma apho ndaya kufundela ubugqwetha kwiYunivesithi yase Witwatersrand eRhawutini. Umnqweno wam yayikukufundela ukuba ngutitshala, nomakhulu wam wayenqwenela ukuba ndifundela ukuba ngutitshala. Izinto zandihambela kakuhle ngonyaka endandigqiba kuphumelela isidanga sam sesibini ndafumana imali ekuthiwa yibhasari. Ibhasari yimali oyinikwayo ethi ikuncedise ufunde ungabhatalelwa ngabazali bakho.

Ndandizakuya phesheya kolwandle eMelika ndiyofunda khona. Ndavuya kakhulu. Ndandivuyela ukukhwela inqwelo moya. Ndafika eMelika ndafunda ndazimisela. Ndaphumelela phambi kwexesha elalibekiwe, ooProfesa bam ababendifundisa babecinga ukuba ndiyinkcuba-buchopho. Ndabuyela eMzantsi Afrika ndagqibezela ubugqirha kwiYunivesithi yasePitoli. Ndabulela inxaso endandiyifumana kuluntu loMzantsi Afrika.

Ukungaboni akukhange kundingande ukuze ndingafundi. Ndiphumelele emagqabini kuzo zonke izifundo ebendizifunda kuba bendizimisela kuyo yonke into endiyenzayo. Ngonyaka ka-2013 ndaba nochulumanco olungumangaliso xa ndandiqeshwa esikhundleni esiphezulu sokuqeqesha ootitshala ukufundisa abantwana abakhubazekileyo. Kuyinto emnandi ukukwazi ukunceda abanye abantu. Umyalezo wam kubantu abatsha kukuba bafunde kanobom lo gama besesikolweni. Kufuneka ungavumeli amaxesha obunzima okanye unxunguphalo lukwenze udodobale. Sonke sikufanele ukuba namaphupha ethu, kwaye kufuneka sisebenze ngokuzimisela ukuze amaphupha ethu abe yimpumelelo. Iqhalo lesiXhosa lithi “umzingisi akanashwa”.

*[Sicatshulwe kwincwadi DBE iphepha 114]*



**SHWANKATHELA**

---

---

---

---

---

---

---

---

---

---

---

---

---

---

---

---

---

---

---

---

---

---

---

---

**RUBHRIKHI**

Izakhono	4	3	2	1
<b>Manqaku</b>	<b>7</b>	<b>5-6</b>	<b>3-4</b>	<b>0 -2</b>
<b>Umxholo</b>  7	Ugqwesile umxholo uchanekile.	usemxholweni	Zininizi impazamo Uphumile emxholweni kancinci,	Uphumile kwaphela emxholweni
	<b>3</b>	<b>2</b>	<b>1</b>	<b>0</b>
<b>Ulwimi nopelo</b>  3	Ugqwesile ekusebenziseni ulwimi nopelo.	Usebenzise ulwimi Oluchanekeliyo.	Zikhona iimpazamo Kulwimi nopelo.	Akakwazi ukupela nokubhala ngolwimi olufanelekileyo
<b>Amanqaku ewonke</b> 10/2=5				<b>5</b>

**UMBUZO 4**

Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi

Ndandizakuya phesheya kolwandle eMelika ndiyofunda khona. Ndavuya kakhulu. Ndandivuyela ukukhwela inqwelo-moya. Ndafika eMelika ndafunda ndazimisela. Ndaphumelela phambi kwexesha elalibekiwe, ooProfesa bam ababandifundisa babecinga ukuba ndiyinkcuba-buchopho. Ndabuyela eMzantsi Afrika ndagqibezela ubugqirha kwiYunivesithi yasePitoli. Ndabulela inkxaso endandiyifumana kuluntu loMzantsi Afrika.

Ukungaboni akukhange kundingande ukuze ndingafundi. Ndiphumelele emagqabini kuzo zonke izifundo ebendizifunda kuba bendizimisela kuyo yonke into endiyenzayo Ngonyaka ka-2013 ndaba nochulumanco olungumangaliso xa ndandiqeshwa esikhundleni esiphezulu sokuqeqesha ootitshala ukufundisa abantwana abakhubazekileyo. Kuyinto emnandi ukukwazi ukunceda abanye abantu. Umyalezo wam kubantu abatsha kukuba bafunde kanobom lo gama besesikolweni. Kufuneka ungavumeli amaxesha obunzima okanye unxunguphalo lukwenze udodobale. Sonke sikufanele ukuba namaphupha ethu, kwaye kufuneka sisebenze ngokuzimisela ukuze amaphupha ethu abe yimpumelelo. Iqhalo lesiXhosa lithi "umzingisi akanashwa

[Sicatshulwe kwincwadi BDE phepha 114]

4.1 Khetha isimnini kwesi sivakalisi silandelayo. (1)

ooProfesa bam babandifundisa.

---

4.2 Yakha izivakalisi ezibini ngeli gama ubonakalise ukuba iintsingiselo azifani. (2)

Iphupha

---



---

4.3 Fakela iziphumlisi kwesi sivakalisi silandelayo. (2)

Ndagqibezela ubugqirha kwiYunivesithi yasepitoli

---

4.4 Biyela isihlomelo sendawo kwesi sivakalisi silandelayo. (1)

Ndabuyela eMzantsi Afrika.

4.5 Khetha isimelabizo soquko kwesi sivakalisi silandelayo. (1)

Sonke sikufanele ukuba namaphupha ethu.

4.6 Guqula esi sivakalisi sibe kwixesha elizayo: (1)  
Ndaphumelela phambi kwexesha.

4.7 Sebenzisa esi sibizo: “eMelika“wenze isivakalisi esilula ngaso. (1)

4.8 Hlanganisa esi sivakalisi usebenzise isihlanganisi esichanekileyo. (1)

Kufuneka ungavumeli amaxesha obunzima.unxunguphalo lukwenze udodobale.

4.9 Nika intsingiselo yeli qhalo :umzingisi akanashwa (2)

4.10 Guqula esi senzi sibe kwisixando sokwenzeka. Yakha isivakalisi ngesixando

Isenzi	Isixando sokwenzeka
Ukuqeqesha	

(2)

4.11 Nika isinye seli gama “abantwana” \_\_\_\_\_ (1)

[15]

**AMANQAKU EWONKE: 50**